

UThixo Wethu Oxolelayo



Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:

Neh. 9:1–3; Dan. 9:4–19; Neh. 9:4–8; Col. 1:16, 17; Neh. 9:9–38; Rom. 5:6–8.

Indima Yenkumbulo:

““Osigubungelayo isono sakhe akayi kuba nampumelelo; ke yena osivumayo, asishiye, uyakufumana inceba” (*Imizekeliso 28:13*).

Emva kokugqitywa koMthendeleko weMinquba (Sukkot), iinkokheli kwakhona zabahlanganisa abantu. Babesanda kuchiitha ixesha bebhuyoza; ngoku yayilixesha lokubuyela kumsebenzi ongagqitywanga wokuvuma izono nekuguquka kuThixo ngenxa yezono zabo. Ewe, ngaphambili, iinkokheli zabaxelela ukuba bayeke ukuba buhlungu nokunxunguphala ngenxa yeziphene zabo, kodwa lo nto ayithethi kuthi ukuba buhlungu novumo-zono azibalulekanga. Ngoko ke, kuba ngoku bezibhiyozele iinkonzo zezikhumbuzo, yayilixesha lokwenza uvumo-zono olululo.

Indlela ezimi ngayo iziganeko apho ayithethi kuthi yindlela ekusoloko kusenziwa ngayo ukuvuya nokuvuma izono; okanye ithethe ukuthi yindlela eqala emva ibuyeke ekuqaleni ekufuneka ilandelwe. Nangona sisenokulandela indlela yokuvuma izono kuqala, kulandela ukubhiyoza, mhlawumbi ukubhiyozele uThixo ebomini bethu makuze kuqala. Kakade, amaRoma 2:4 asixelela ukuba “ububele bukaThixo” busisa enguqukwani. “Ububele” baKhe, ngoko, funeka kuzise umbongo nokudla, logama busikhumbuzo siding uThixo asixolele, asihlambulule, aze asidale ngokutsha.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha, Novemba 16.*

Ukuzila nokuNqula

Funda uNehemiya 9:1-3. Kwakutheni abantu bezahlula kwabolunye uhlanga?

Nangona uNehemiya wayenyamekele ukuqiniseka ukuba eli xesha abantu balayamanisa novuyo, wakhokhelela ngoku eli bandla kuzilo. Bazithoba phambi koThixo bazigalela ngomhlaba kwiintloko zabo, logama bembethe ezokuzila. Ngenxa yokuba abaphambukeli bengenanaxheba kwisono esigubungele abantu bakwaSirayeli, amaSirayeli azahlula kubo, njengokuba amaHebhere ayesazi ukuba zizonu zawo ezidinga ukuxolelwa. Bazivuma izono zohlanga lwabo, ezabakhokhelela ekuthinjweni. Imithandazo novumo-zono lwabo bonke zabonakalisa ukuqondwa okunzulu bemo yesono.

AmaSirayeli ngewayenomsindo kukuba ookhokho babo bonakalisile baza bakhokhelela uhlanga lwabo xa lulonke ekuthinjweni. Okanye ngebabechithe ixesha bekhazela izigqibo zeenkokheli zabo nokungahloneli Thixo okubonakaliswe zizizukulwana ezingaphambili, ezabakhokhelela kwindawo ababekuyo ngoku-iqaqobana lababuyileyo. Noko kunjalo, endaweni yokufukama intiyo nokukhalaza, babuyela kuThixo ngentobeko nemvumo-zono. UNehemiya 9:3 uxela ukuba abantu bafunda kwiNcwadi yoMyalelo isahlulo sesine semini, baza kwesinye isahlulo sesine bavuma isono banqula uThixo. Oku kukufundwa kwesithathu kweTorah. Ukufunda iTorah kusembindini wovumo-sono, ekufuneka lusekelwe enyanisweni, evela kuThixo. Ngokufunda kwethu iBhayibhile, uThixo uyasondelela kuthi, noMoya oyiNgcwele ungathetha nathi uze usifundise. Inyaniso yeLizwi laKhe ibumba ukucinga nengqiqo yethu, iyasikhuthaza ize isiphakamise. AmaSirayeli nawo aba buhlungu alila, kuba ukuchitha ixesha kubungcwele bukaThixo kusenza siqonde ubuhle nokulunga kwaKhe logama kubethelela kuthi indlela ekumangalisa ngayo ukuba uMdali welimiweyo akhethe ukuba kunye nathi, nkqu noba thina asifanelekanga.

Ngenxa yoko, siyakuqonda ukuba ngaphandle koThixo ebomini bethu, asahlukanga nganto kuwo nawaphi amanyange akwamoya ethu ngokwakwinkolo. Kuphela kungoThixo esebenza kuthi esinokuthi sibe ngabantu ekufuneka singabo.

Funda uDaniyeli 9:4-19. Kungaziphi iindlela othi umthandazo wakhe usebenze kuthi namhlanje? Mayisixelele ntoni inyaniso yokukusebenza kumntu ngamnye kuthi, nanjengebandla?

Ukuqalwa koMthandazo

Indlela abasabela ngayo abantu ekufundweni kweBhayibhile yaba ngumthandazo omde obalula ububele bukaThixo xa ngokukhabanayo nembali yokungakholwa kukaSirayeli. Umntu angaqaphela ukuba impendulo ifana nentshumayelo kunomthandazo, kuba vesi nganye ifaniswa nenye kwalapha eBhayibhileni.

Funda uNehemiya 9:4-8. Zeziphi ezona ngongoma zingundoqo owagxila kuzo umthandazo kwezivesi zokuqala, yaye kutheni?

Kwisigaba sokuqala somthandazo, abantu babonga uThixo, kwaye igama laKhe ncaasana. Kwinkcubeko yobuHebhere, igama lalingeyonto nje abantu abakubiza ngayo, kodwa lalinika umntu ubuyena. Ngoko ke, ukubongwa kwegama likaThixo kubalulekile kuba kubonisa ehlabathini eli gama lifanele ukubongwa nembeko. Eli ligama loMdali weliMiweyo. Umthandazo uqala ngokunqala uThixo njengoMdali nanjengaLowo “ugcina” zonke izinto Neh. 9:6 bona kanjalo kumaKol. 1:16, 17). Igama “ukugcina” livela kwisenzi sesiHebhere esithetha “ukudlisa ubomi.”

Lowo wadala zonke izinto nguLowo wonyula u-Abraham, umntu, owayengohlukanga nganto ngaphandle kokuba “intliziyo yakhe” yayi-“thembakele.” U-Abraham unokukhangeleka ngathi ukhe wangabi nakholo kumatyeli amaninzi, kodwa xa wayecelwa ukuba anikele ngonyana wakhe, zange athingaze (bona uGenesis 22). Wafunda ukuthembakala-hayi ngobusuku obunye, kodwa ngohambo lwakhe olude noThixo. Ngokwengcamango yesiHebhere, “intliziyo” isingisele kwingqondo. Ngamanye amazwi, u-Abraham wakhula ukuthembeka ngengcinga nangezenzo waza wavunywa nguThixo ngalo nto.

Amabinzana ambalwa okuqala alo mthandazo agxile kuThixo (1) njengoMdali, (2) uMdlisi-bomi, (3) noMgcini-siThembiso. Abantu baqala ngokuzikhumbuza ngokuba ungubani uThixo: Ungothembekileyo Lowo usidalileyo, usidlisa ubomi, nosoloko ezigcina izithembiso zaKhe kuthi. Ukuba noko engqondweni kuyasinceda ukugcina ubomi bethu busemgceni nokufunda ukumthamba nkqu nakwezona meko zinzima, xa kukhangeleka ngathi uthe qelele kuthi kwaye akayisele so imingeni yethu.

Kutheni imfundiso kaThixo njengoMdali ibalulekile kwinkolo yethu? Kakade, yeyiphi inye imfundiso ebaluleke kakhulu ukuthelekiswa nale, apho siyalelwa nguThixo ukuba sichithe isixhenxe esinye sobomi bethu qho ngeveki ukukhumbula Yena njengoMdali wethu?

Izifundo Ezivela Kwizolo

Nehemiya 9:9–22. Esi sigaba somthandazo sahluke ngantoni kwesi sokuqala isigaba?

Umthandazo uguquka ukusuka ekubongeni uThixo ngenxa yokuthembeka kwaKhe ukuya kukhankanya ukungathembeki okuphikisanayo kwamaSirayeli kumava awo aseYiputa nasentlango. Uandalazisa zonke izinto ezohlukeneyo uThixo awazinika amaSirayeli; kodwa ngelishwa indlela abasabela ngayo “oobawo” kwezo zipho yaba likratshi, iinkani, nokungananzi izenzo zikaThixo ezinemfesane phakathi kwabo. Ukuvuma ukusilela kobuntu nokungabi nakuzinikela ngokupheleleyo kuThixo linyathelo elibalulekileyo kuvumo-sono nenguquko. Kwaye nangona ezi ndima zithetha ngabantu abangasekhoyo phakathi kwethu, akukho mntu unokuphika ukuba mntu ngamnye kuthi unengxaki nalo miba.

Eneneni, naku apho igospile ingena khona kuthi nakubo ngokunjalo. Ukuvuma izono kwethu akusisindisi; kuphela lidini likaKristu endaweni yethu elikwenzayo oko. Ukuvuma izono, kunye nenguquko, kubalulekile ekuqondeni kwethu ukuba kufuneka sigwetyelwe ngoKristu kuphela. “Xa nenguquko nokholo sisamkela uKristu njengoMsindisi wethu, iNkosi ixolela izono zethu, ize icime isohlwayo ebemisilwe ukwaphulwa komthetho. Umoni emva koko uma phambi koThixo njengomntu olilungisa; uyathandwa liZulu, aze ngoMoya abe nobudlelane noYise noNyana.”—Ellen G. White, *Selected Messages*, book 3, p. 191.

Kwangaxesha nye, ngenxa yokuba ububele baKhe busibangela sivume izono zethu siguquke kuzo, kufuneka sizimisele ngamandla kaThixo ukuzishiya kanjalo. Isiphetho kukuba uSirayeli ube nenkani, uThixo yena ebenothando. Ukukhangela ngemva koko uThixo wakwenzela uhlanga lwakaSirayeli kwakhumbuza abantu ukuba kuba uThixo ebenzele lukhulu kwixa elidlulileyo, uzakuqhubekeka ukubakhathalela nakwixa langoku nakwixa elizayo. Yiyo lo nto kwakubalulekile ebantwini ukuba basoloko bekhumbula indlela uThixo enze ngayo kwimbali yabo. Besakuyilibala, kuxa babesiba senkathazweni.

Cinga emva ngamaxesha apho wawuqinisekile ukuba uThixo uyasebenza ebomini bakho. Ungazirhutyela njani intuthuzelo koko ngokunokwakho xa uphinda uqubisana neenzima? Ungafunda njani ngcono ukuthemba ububele bukaThixo nangamaxesha apho uziva utyhafe mpela, uphoxakele, usoyika ingomso?

UMyalelo nabaProfeti

Funda uNehemiya 9:23–31. Achazwa njani amaSirayeli xa ethelekiswa “kulunga okukhulu” kuThixo (Neh. 9:25)?

Eli candela lilandelayo lomthandazo/ntshumayelo ligxile kubomi eKanana xa amaSirayeli ayelihlutha ilizwe uThixo awayelineke bona. Banikwe umhlaba, izixeko, izidiliya, namasimi alungele ukusetyenziswa, kodwa konke oko akuthatha buyekeyeke. Ekupheleni kwevesi ye-25, sixelelwa ukuba “badla, bahlutha, batyeba.” Ukutyeba yintetho efumaneka kuphela izihlandlo ezimbalwa eBhayibhileni (Dut. 32:15 noYer. 5:28), kwaye kwisihlandlo ngasinye inentsingiselo embi.

Abantu bangaba kanti “baziylisa ngokulunga kwakho okukhulu” kodwa okwabo yayingekoziyolisa ngoThixo kodwa, endaweni yoko, koko babenako. Kuyabonakala ukuba, ukuba nento yonke akuvelisi ukuhamba okusondeleleneyo noThixo. Amaxesha amaninzi sicinga ukuba, “Ukuba bendinale okanye leya, bendizakonwaba.” Ngelishwa, siyabona ukuba amaSirayeli ayenento yonke evela kuThixo, kodwa noko kunjalo “ulonwabo” lwabo kwezo zinto kwasuka kwabenza bazinikela kancinci kuThixo. Kusoloko kulula kakhulu kuthi ukugxila kwizipho logama silibala ngoMniki. Oku kukuziqhatha okuyingozi.

Eneneni, oku akuthethi ukuthi masingazonwabeli izinto uThixo asinike zona. Ulangazelela ukuba sivuye ngezipho zaKhe, kodwa okukuvuyela izinto asinike zona akuqinisekisi ubudlelane kunye naYe. Enyanisweni, ukuba asilumkanga, ezi zinto zisenokuba ngumqobo. Noko kunjalo, kwesi sahluko, iinkokheli ngoku zikhankanya iindlela ebebengathambekelanga ngazo kuThixo. Xa zijonga ngasemva kwimbali, zazikhankanya ngokutsolileyo izikreko abazenileyo njengohlanga. Iqela lee nkalo liyavela njengelibaluleke ngendlela eyodwa, kuba ziyaphindwaphindwa: (1) uSirayeli uwuphose emva komhlana umyalelo kaThixo, nokuba (2) babatshutshisa abaprofeti.

Ngamanye amazwi, baqonda ukuba umyalelo kaThixo nabaprofeti baKhe zibalulekile ekukhuleni kwabo njengohlanga oluhlonela uThixo nasemntwini buqu. Lo mthandazo ugxininisa okukuqukumbela ngokuthi “awothi umntu owenzayo” amasiko kaThixo, “aphile ngawo” (Neh. 9:29; icatshulwe ngqo kwiLev. 18:5) nokukhankanya ukuba nguMoya owathetha ngabaprofeti. UThixo usinike imithetho yaKhe ukuze sibe nobomi ngokugqithiseleyo, kwaye wathumela abaprofeti baKhe ukuba basikhokele ekuqondeni kwethu inyaniso yaKhe. Esikwenzayo ngezi zipho ngumbuzo osemqoka kuthi sonke.

Ukubonga nesiCelo

Funda uNehemiya 9:32–38. Yintoni ingqalelo yesishwankathelo somthandazo wovumo-zono?

Kwakhona lo mthandazo ubonga uThixo ngobuyena baKhe: mkhulu, ligorha, nowoyikekayo, ogcina umnqophiso nenceba. Bakhangeleka benyanisekile ekuvumeni kwabo ukulunga kukaThixo kubo. Bazisa kanjalo isicelo esikwimo yokwenza umnqophiso noThixo, ekutyatyadulwe kuso kwisahluko 10. Yintoni isicelo sabo? “Kaloku, Thixo wethu, omkhulu, oligorha, owoyikekayo, ogcina umnqophiso nenceba, mayingabi ncinane phambi kwakho yonke indiniso esiyifumeneyo thina (Neh. 9:32).

Ibandla kufuneka linike imbeko kookumkani abagentla kwalo. Ingcinezelo evela nkalo zonke ithwaxa iqaqobana lamaSirayeli, yaye bakruqukile yiyo. Kufuneke banyamezele ugonyamelo emva kolunye, kwaye banethemba lokukhululwa. Okunika umdla, bazibiza “abakhonzi.” Emva kokudandalazisa ukungakholwa kohlanga lwabo, baphetha bezibiza ngelogama. Abakhonzi, eneneni, bathobela abo babalawulayo. Ukusetyenziswa kweligama, ngoko, kubonisa ukuba badinga ukuthobela iNkosi ngeendlela abo bebengaphambi kwabo abangazenzanga. Oku kuxela ulangazelelo lwabo lokuthembeka kuYehova nemithetho yaKhe. Yaye, njengabakhonzi bakaThixo, bayamcela ukuba angenelele endaweni yabo.

Ibandla lika-Ezra noNehemiya liwachaza amava alo ngoku “njengembandezelo enkulu” (Neh. 9:37), enokuthelekiswa nokubandzeleka akungcamlayo amaSirayeli eYiputa Neh. 9:9). Umthandazo wabo ubonga uThixo ngokubona ukubandzeleka kwabo eYiputa hayi ukungakananzi. Ibandla ngoku licela uThixo angenelele njengoko wenzayo ngaphambili, nangona bengakufanele oko, kuba akukho noba abemnye-ookumkani, abathetheli, ababingeleli okanye abaprofeti, okanye oobawo-othethembeka. Ngalo ndlela, bangqiyama kubabalo nenceba kaThixo kubo, hayi kwiziqu zabo okanye imisebenzi yamanyange abo, ngamathemba okuba iNkosi izakungenelela ngenxa yabo.

Funda amaRoma 5:6–8. Ezi ndima ziyibonakalalisa njani into amaSirayeli ayeyicela kuThixo? Ntuthuzelo ni esinokuzitsalela yona koko amaSirayeli ayekucela noko kwakuthethwa nguPawulos kumaRoma?

Ingcamango Ngakumbi:

Read Ellen G. White, “Confession,” pp. 37–41, in *Steps to Christ*. KuNehemiya 9:25, amaHebhere athetha ngendlela amanyange abo “aziyolisa” ngayo ngokulunga okukhulu kukaThixo. Ingcambu yesenzi inye kunye negama u-Eden, njenga-“kumyezo we-Eden” (Gen. 2:15). Mhlawumbi, eyona nguqulelo izaba kukuba “bazi-edena” kuphela xa ukuzi-edena bekusenzi. Igospile, kakade, ikukubuyiselwa, kwaye mfuziselo mni ongcono onokuba khona kune Eden ukubonisa oko ekugqibeleni sibuyiselwa kuko? UThixo wavelisa abantu bamaHebhere waza wabazisa ekuphambaneni kweendlela kwihlabathi la mandulo ukuze adale owona mbonakaliso usondeleyo we-Eden onokubakhona kwihlabathi eliwileyo. Nkqu nasemva kokuthinjwa nokubuya, amandla ayesekhona. “Ngokuba uYehova uyithuthuzele iZiyon, uwathuthuzele onke amaxuwa ayo, wayenza intlango yayo yanjenge-Eden” (Isa. 51:3). Ewe, abantu bonwabela iintsikelelo eziphathekayo uYehova awayebathembise zona, iintsikelelo ezibonisa, kulo naliphi iqondo kwihlabathi eliwileyo, ukuphuphumala kwe-Eden. UThixo walidala ihlabathi elikhoyo Kanye ngendlela abantu abanokonwaba ngayo, yaye uSirayeli wamandulo-esikelelwe nguThixo-walonwabela, naye. Isono sabo sasingekho “kukuzi-edena kwabo” kukulunga kukaThixo okukhulu koko ekulibaleni uYehova (Hezek. 23:35), okulunga kwaKhe babekonwabela. Iintsikelelo zaba sisiphelo endaweni yokuba zise esiphelweni, esasizakutyhila uThixo kwabo babangqongileyo.

Imibuzo Yengxoxo:

1. UYesu wathi, “Lowo ke uhlwayelwe emithaneni enameva, ngulo ulivayo ilizwi, lithi ke ixhala leliphakade, nokulukuhla kobutyebi, kuliminxe ilizwi, lisuke lingabi nasiqhamo” (Matt. 13:22). Uthetha ukuthini “ngokulukuhla kobutyebi,” kwaye oku kuzalana njani nomthandazo wokuvuma izono esiwufundileyo kule veki?
2. Gxila kwakhona kwimfundiso yendalo. Qaphela umthandazo kaNehemiya 9 wokuba baphantsa ngoko bathetha ngoYehova njengoMdali noMxhasi. Oku makusixelele ntoni ngendlela esi siseko ngayo le mfundiso kwinkolo yethu?
3. Sikuthelekisa njani ngendlela eyiyo ukuvuma ukuba nesono ngaphakathi kuthi size kanjalo, ngaxesha nye, singavumeli uSathana asebenzise ukuba nesono kwethu ngeendlela ezinokusibangela ukuba sityhafe size siluncame konke konke ukholo lwethu?